URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshon Koloni
André J Lamprecht
ICandelo leKharityhulam ye-*GET*
Andre.Lamprecht@westerncape.gov.za | 021 467 2443

Inombolo yefayili: 21/2/9/1/BRIDGING
Isalathiso: 20240925-6994

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*GET:* DCG 0008/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli beSigaba esiPhakathi/se-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba esiPhakathi, nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizimeleyo

ISihloko: Isicwangciso esicetywayo sokunceda abafundi beBakala 3 badlulele kwiBakala 4

1. Ukudlulela kwisigaba sesikolo esitsha kunokusoloko kungamava abangela umothuko omkhulu kubafundi. Kubafundi abancinane oko kubonakala ngathi kungumngeni ongaphezulu ngakumbi. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe *iWCED*) linenkxalabo yokuba ngenxa yexesha lokufunda ekuphulukenwe nalo, ukunceda abafundi beBakala 3 badlulele kwiBakala 4, kungaba ngumngeni omkhulu kubafundi ngo-2025.

2. ICandelo leKharityhulam ye-*General Education and Training* leSebe i*WCED* likwakuqaphele njengenjongo ephambili ekujoliswe kuyo, ukuphuhliswa kwezakhono nokunikwa inkxaso kwabafundi beBakala 4 nootitshala ngo-2025. Inqanaba lokuqala lophuhliso nokunikwa inkxaso liya kugxininisa kutshintsho olungenamagingxi-gingxi (*smooth transition*) ukusuka kwiBakala 3 ukuya kwiBakala 4, oluya kulandelwa kukunikwa iingcebiso nenkxaso kootitshala beBakala 4 ngo-2025.

3. Inkqubo iya kuqala kwiKota 4 ngenkxaso ekucetyiswa ngayo yokubancedisa badlulele kwisigaba esilandelayo yaye iya kucazululwa ukunika iingcebiso kumanqanaba nakwimigangatho eyahlukileyo.
   - Ukucwangcisela iKota 4 yango-2024;
   - Amalungiselelo eveki ye-25 Novemba 2024;
   - Inkqubo yokudluliselwa kwabafundi abasuka kwiBakala 3 ukuya kootitshala beBakala 4;
   - Amalungiselelo oSuku oluVulelekileyo lweBakala 4 ukwenzela abafundi;
   - Inkqubo ngoSuku oluVulelekileyo, kunye
   - Nokuxoxa ngengcaciso yencwadana yabazali yeBakala 4

wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

4. Inkqubo yokuncedisa abafundi badlulele kwisigaba esilandelayo icaciswe **kwisiHlomelo A**.

5. Kucelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kwiKomiti zoLawulo zeZikolo nakootitshala bamaBakala 3 no-4.

ISAYINWE: NGU-BJ LORISTON
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2024-09-27